Isalathiso: 20170324-9411
12/2/11/6/4
Imibuzo: S Rampou

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET* : DCG 0009/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be*GET,* kuBacebisi ngezeKharityhulam beSigaba esiPhakathi nakwiiNqununu zazo zonke izikolo eziqhelekileyo nezizimeleyo ezineeklasi zeBakala 7

ISihloko: I-*AstroQuiz 2017* — yaBafundi beBakala 7

1. I-*AstroQuiz* lukhuphiswano lwesayensi olwenzelwa abafundi beBakala 7 olusekelwe kwimixholo enxulumene ne-astronomi (*astronomy-related themes*) nolukwanxulumana necandelo le-"*Earth and Beyond*" lesilabhasi yeeSayensi zeNdalo (*Natural Sciences syllabus*).

2. I-*AstroQuiz* yiprojekthi exhaswa ngemali yi-*South African Agency for Science and Technology Advancement* (*SAASTA*) yaye iqhutywa ngokwamaphondo yi-*South African Astronomical Observatory* (*SAAO*). Injongo yale projekthi :
   - kukukhuthaza umdla kwiSayensi kwizikolo eziziiprayimari;
   - kukuphucula indlela yokufunda nokufundisa eklasini;
   - kukunika ulwazi nokucinga nzulu ngemiba esisiseko ye-astronomi, yeSayensi neMathematika; kunye
   - nokubethelela umdla kumathuba omsebenzi aza ne-astronomi nezinye iisayensi.

3. I-*AstroQuiz* iqaliswe ngempumelelo kweli phondo ukususela ngo-2006 yaye umdla kolu khuphiswano ukhule kakhulu. Ngo-2016 zilishumi elinesithoba izikolo ezithathe inxaxheba kumjikelo wokugqibela wokhuphiswano. I-Star College ekwisithili i-*Metro Central* ibimele iphondo lethu kwinqanaba likazwelonke. Kukho amabhaso atsala umdla akhutshelwa izikolo ezilishumi ezitshatsheleyo zephondo kwanesikolo esiphumeleleyo.

4. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) likhuthaza zonke izikolo ezinabafundi beBakala 7 ukuba bathathe inxaxheba kwi-*AstroQuiz* ka-2017.

5. Iphekhi i-*AstroQuiz resource pack* nephepha lemibuzo elingumzekelo (*exemplar question paper*) zinokukhutshelwa kwiziko lewebhu i-*SAAO AstroQuiz* apha: www.astroquiz.saao.ac.za. Ukuba isikolo sifuna ikopi engamaphepha yencwadana i-*AstroQuiz booklet* banokuyicela ngokuthumela i-imeyili negama lesikolo kunye nedilesi yeposi apha : help@astroquiz.saao.ac.za.

6. I-*WCED* icela ukuba zonke izikolo zisebenzise iphekhi i-*AstroQuiz resource pack* nephepha lemibuzo elingumzekelo ukunika abafundi ithuba lokuprekthizela ukubhala ikhwizi. Oku makube ngumsebenzi ekusetyenziswa kuwo iincwadi nezinye izinto zokufunda ukufumana iimpendulo zemibuzo (*open-book activity*) ngamaqela abafundi abane kwiqela ngalinye, apho iqela ngalinye lisebenza njengeqela.

7. Izikolo ezinomdla mazibhalisele le khwizi kanye ngqo kwi-*SAAO* ngokuqala zingene kwiziko lewebhu i-*AstroQuiz website*. Ubhaliso luvula nge-19 Apreli 2017.

8. Lonke unxibelelwano ne-*SAAO* luya kwenziwa nge-imeyili kunye/okanye nge-*SMS*. Ootitshala banokukhetha iindlela zonxibelelwano abakholwa zizo xa bebhalisa yaye bayacelwa ukuba bajoyine uluhlu lwembalelwano ye-*Astroquiz* apha http://astroquiz.saao.ac.za/join-the-mailing-list/ ukuhlala besazi ngekhwizi.

9. Ukungenela i-*Astroquiz* izikolo mazityumbe amaqela abafundi abane beBakala 7 ukuba bamele isikolo.

10. Izikolo mazenze amalungiselelo okuthatha inxaxheba kwimijikelo emibini yokuqala yephondo ye-*AstroQuiz* ekhompyutheni (*AstroQuiz online*). Kukhuthazwa izikolo zithathe inxaxheba zinamaqela amaninzi kangangoko zinako kumjikelo wokuqala. Kuya kubakho umjikelo wokuzivavanya (*trial round*) ukwenzela ukuba abafundi baprekthize ukwenza ikhwizi ekhompyutheni (*quiz online*). Abafundi banokusebenzisa iiselula zabo ukuthatha inxaxheba ekhompyutheni. Izikolo zikhuphisana ekuphenduleni iseti yemibuzo eyi-30 kumjikelo ngamnye. Zonke izikolo ziya kuphendula imibuzo efanayo. Amaqela anikwa imizuzu eyi-60 eqingqiweyo ngombuzo ngamnye. Amaqela anokuxoxa ngeempendulo ekwenza oko ngenzolo phakathi kwabo. Liqela elinye kuphela kwisikolo ngasinye elinokuthatha inxaxheba kumjikelo wesibini. Akuvumelekile ukuba abafundi abathatha inxaxheba baze nezinto zokufunda kwindawo ekuqhutyelwa kuyo ikhwizi.

11. Imijikelo emibini yokuqala ye-*Astroquiz* yephondo, iya kubanjelwa esikolweni phantsi kweliso likatitshala owongameleyo. Umjikelo 1 uya kubanjwa ngoLwesihlanu, nge-26 Meyi 2017 ukuze uMjikelo 2 ube ngoLwesihlanu, nge-28 Julayi 2017.

12. Imijikelo 3 no-4 yephondo iya kubanjwa ngosuku olunye, e-*SAAO e-Observatory,* eKapa, ngoLwesihlanu, nge-25 Agasti 2017. Zonke izithili kwiphondo ngalinye ziya kumelwa kumjikelo wesithathu kwisiganeko sokugqibela sikazwelonke. Iya kuba luxanduva lwe-*SAAO* ukuhambisa amaqela aya kuMjikelo 3 no 4 wephondo nakumjikelo wokugqibela kazwelonke. Isikolo esiwinayo siya kumela iphondo

kukhuphiswano lukazwelonke, oluya kuba ngoLwesihlanu we-04 ukuya kowe-06 Oktobha 2017. Indawo ekuya kuqhutyelwa kuyo ukhuphiswano lokugqibela lukazwelonke iya kwaziswa kamva.

13. Ukuba unayo nayiphi imibuzo okanye ingcaciso oyifunayo ngokuphathelele kukhuphiswano, kucelwa uqhagamshelane ngqo ne-*SAAO* okanye ngokungena kwiziko lewebhu yabo ukufumana ingcaciso engaphezulu.

    Ifoni: 021 460 9369 (Buzani)
    021 460 9319 (Thembela)
    021 460 9328 (Christian)
    Ifeksi: 086 554 1330
    I-imeyili : help@astroquiz.saao.ac.za
    Iziko lewebhu: http://astroquiz.saao.ac.za

14. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala beeSayensi zeNdalo beBakala 7 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-04-26